Downloaded from Stanmorephysics.com


**IPHEPHA LEMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isicatshulwa | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-30 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-40 |

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

### ISICATSHULWA A

**SISAFUNA NTONI NAMHLANJE KWIINCWADI?**

1 Kungaba kanti kuninzi ukubethabethana kweengqondo okujoliswe ekubeni kusafuneka na ukufunda iincwadi xa itekhnoloji inabe okwengca phandl'apha, kodwa inyani yona ayitshintshi malunga nexabiso lokufunda iincwadi. Ihlabathi lonke limangele ukuba xa sekukho oononkcithaxesha abayimidiya okanye ubuxhakaxhaka bokwabelana ngezimvo, oomabonakude, oomiboniso-bhanyabhanya, oo'*e-books'*-abaziincwadi ezifumaneka ngobuxhakaxhaka be-intanethi, sisafuna ntoni ezincwadini ezingamaqwakuqwaku okanye ezingamaphepha. Wenna! Musa ukulahl'imbo yakho ngophoyiyana!

2 Asizoncwadi n'esiwele ngazo ukuya kulonwabo esasingenalo? Abuzanga neencwadi nangeencwadi na ubuxhakaxhaka esidludla nabo? Besingakhwelanga kwiqegu eliyincwadi na ukuphuma kwilizwe lobukhoboka? Ndikhumbula umfutho owawufudumeze iincoko zolutsha, amaqhawe namagqala eli ngentsukaphi nentsingaphi ye-Afrika. Usabakhumbula oo'*Ubulumko bezinja*? Yayingoobani abalinganiswa abaphambili? Koo'*Animal Farm'* yayingoobani? Babesenzani koobani? Kaloku ezinye zampheka umntu wakwazi ukulibona liseza iqhinga elikwafundiswe yincwadi. Amaqhakraqhakra nanamhlanje aphekwe ziincwadi. Wawuya kuzibamba njani ungahleki ufunda u*Nojayithi Wam*? Yiva ndikutyele. Abafana abazama ukuzenza bahle kwiintombi zasesikolweni babengalenzi ixesha ukuba zange bakhe bamve uShakespeare. Phofu ke, intokazi eqale ngokwenda ingazange iye esikolweni ibivakala ngokubuzisa kumyeni wayo, 'Whowu Tata, lo Shakespeare nanifunda naye na?' Andikho lapho.

3 Ziyancwina iingcali ngefuthe elibi lobuxhakaxhaka bokwabelana ngezimvo kumkhwa wokufunda incwadi. Zikhala ngokuba ubuxhakaxhaka bokwabelana ngezimvo buwutyumzile umkhwa wokufunda iincwadi. UCicero indlu engenancwadi uyifanisa nomzimba ongasenamphefumlo. Ndiyamngqinela. Kwizigxeko azibekayo ngokuthathelana phezulu koluntu nobuxhakaxhaka bokwabelana ngezimvo uthi kuyiyona nkcithaxesha ukusebenzisa la maqonga, awanamfundiso, uzula nje kuwo ufunisa ngonobenani kuba utya ixesha ngokothula, udlulisela kwabanye. Kushiyeka kutyiswa iinzipho ukufundwa kweencwadi ngulo vutha. Hayi ke ukudika kwezishunqulelo zaphaya ezinjengoo'sbwl'. Asinako na ukujika izinto, obu buxhakaxhaka bokwabelana ngezimvo sibusebenzisele ukukhuthazela abantu ekufundeni? UMnumzana uMatanzima Mweli seleqalile usoloko etsholoza ku*Twitte*r ekhuthaza ngokufunda iincwadi. Makangasweli mlandeli.

4 Ngokufunda incwadi ufumana ubunzulu, kukhule ubuntu obutsha emntwini obengasajongelwanga ntweni. Ubusazi na ukuba uPhilani Dladla obhale incwadi

Downloaded from Stanmorephysics.com

ethi, '*The Pavement Bookworm*', wayeqale ngokufundela abantu iincwadi, ebenzela irivyu, ehlala esitalatweni kwirobhothi, bemjulela ubusentana athenge iziyobisi? Sithetha nje wawoyisa umkhuba weziyobisi, wabhala iincwadi ezisuse abanye esitalatweni. Akho namabanjwa abefunda iincwadi ezijele aphele seleziiprezidanti zamazwe. Bubandisa amazantsi ubukho bomntu onikezela ngobutyebi obunje.

5 **Sesekati ibekelwe ubisi nenyama isintsompothi sencwadi nomabonakude**. Kodwa iziphumo zophando olwenziwe kwiYunivesithi yaseTohoku kubantwana abangama-276 abachitha ixesha elininzi bebukele umabonakude, zisivula ingqondo. Zithi bayanzinyelwa kukuthetha kwanokunxibelelana, kungakhethanga sini nabudala. Iziphumo zolunye lwakutshanje nazo zifumanise ukuba abantwana abaminyaka imalunga nesibini ukuya kwisithathu abachitha ixesha elide bebukele umabonakude ubenzakalisa ngokutshintsha ukwakheka kwengqondo. Kwakhona kubenza bangakwazi ukufunda, ukuqiqa futhi bafede ekuthetheni kubenzima nokuhlalisana nabanye abantu. Iincwadi nomabonakude nangona zisengela thungeni linye kodwa ziyahluka. Incwadi yona, inolwa-aa mbambazelo ilwenzayo xa umzimba udutywe ziintolo zobomi kanti umabonakude umshiya umntu eqwayitekile, ediniwe, asale engaqulethanga nto. Kaloku kwincwadi uyaziphakela ukanti kumabonakude uyaphakelwa. Ummangaliso osekufundeni incwadi ngowokuba singalikhulu labantu abayifundileyo, kodwa zahluke iingqikelelo zethu. Alinakulityalwa igalelo labazali kwingxaki yokungafundwa kweencwadi, bengaqondi. Okwaa kubuya bediniwe emisebenzini batefise abantwana ngomabonakude, bephumla, kungabakhoboza abantwana.


6 Ukuthelekisa iincwadi nemiboniso-bhanyabhanya kufana nqwa nokuthelekisa ama-apile nama-orenji kuba zonke ziziziqhamo nje zahlukile ngencasa.' Nangona uninzi lwemiboniso-bhanyabhanya lusekwe ezincwadini kodwa ayikwazi ukungena nzulu kwincwadi, iyaziqakatha iziqendu ezithile. *Umfundi wencwadi uzibona engene zwabha ezihlangwini zomlinganiswa ophumela kwingxaki ethile kanti yoba sisisombululo nakobomfundi ubomi.* Onombuzo othi, kukuphi okungcono ukubukela imiboniso-bhanyabhanya nokufunda? Impendulo ithi, zombini, kuba inye inendima eyidlalayo.

7 Ubulula bokusebenzisa ubuxhakaxhaka betekhnoloji xa kuthelekiswa nokufunda iincwadi kusenza sibe ngamanxele okucinga xa sikhetha phakathi kweencwadi eziphathwa ngesandla nezifumaneka ngobuxhakaxhaka be-intanethi. Kweze-intanethi, ngokucofa nje iqhosha, kwikhompyutha okanye kunomyayi, sowusothula nayiphi incwadi ofuna ukuyifunda kwezifumanekayo. Iidijithali ziyincamisamxhelo ngokukwazi ukuzithwala zibeninzi kunomyayi omnye kanti ke kulula kunjalo kodwa akufikeleli nabani kuzo. Bayalunyukiswa abasebenzisi bezi ncwadi ze-intanethi ngokuba umbane uyathanda ukucima, ne-intanethi inyamalale, ingafumaneki *ie-book* kanti incwadi yona uyifunda umbane ukho ungekho. Khawetyise uluvo oluthi, iincwadi ziyinqwelomoya, zinguloliwe, ziyindlela yeenqwelo, ziyindawo ekuyiwa kuyo, ziluhambo, kanti zikwalikhaya, uvuke mlesi!

[Sicatshulwe kwi-*City Press*, 14 Februwari 2020, naku https://bestschools.org, saguqulelwa esiXhoseni, saze sahlelwa]

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**



[Ucatshulwe ku-Sowetanlive.co.za]

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A**

**Jonga kumhlathi woku-1**

1.1 Xela okumangalise ihlabathi ngokwalo mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-2**

1.2 Inika luvo luni ngencwadi imibuzo buciko emininzi ekumhlathi wesi-2? (1)

1.3 'Kaloku ezinye zampheka umntu wakwazi **ukulibona liseza iqhinga** elikwafundiswe yincwadi.'

Isiqwengana esibhalwe ngqindilili kumxholo esikuwo ngentla sinika intsingiselo yokuba:

A Angakuqhatha lula umntu
B Awunakuqhatheka lula
C Awunakulibona tu iqhinga
D Ungasezwa ubuxoki ubona (1)

**Jonga kumhlathi wesi-3**

1.4 Nika isichasi segama 'umkhwa'. (1)

1.5 YINYANI/BUBUXOKI ukuba uCicero uthi makhe kuthiwe xha ngokufunda iincwadi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.6 Ngqina uluvo olunomgca ngaphantsi ngokwesicatshulwa. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.7 Cacisa intsingiselo yesiqwengana esithi 'kusala kutyiswa iinzipho ukufunda' ngokomxholo wale tekisi. (2)

1.8 Chaza izimvo ezibethabethanayo ezikulo mhlathi. (2)

1.9 Bhala isishunqulelo esidika umbhali. (1)

1.10 Uliqale phi uMnumzana Mathanzima Mweli iphulo lokukhuthaza ngokufunda iincwadi? (1)

**Jonga kumhlathi wesi-4**

1.11 Ngqina ngengongoma eNYE ekulo mhlathi ukuba ukufunda incwadi kuyabutshintsha ubomi bomntu. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-5**

1.12 Nika intsingiselo yesivakalisi esibhalwe ngqindilili. (2)

1.13 Xela ingxaki ayidala kubantwana umabonakude ngokwalo mhlathi. (1)

1.14 Chaza ukuba umbhali ubonakele njani kulo mhlathi ukuba ukhuthaza ukufundwa kweencwadi ngaphezu kokubukela umabonakude. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-6**

1.15 YINYANI/LULUVO okubhalwe bukekela kulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-7**

1.16 Angafumana siphi isigxeko kumfundi umbhali wesicatshulwa ngokusebenzisa ibinzana, 'amanxele okucinga'? (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA B**

1.17 Chaza iindlela ezimbini abachitha ngazo ixesha abantu abasemfanekisweni. (2)

1.18 Nika umyalezo odluliswa ngumfanekiso. (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A noB**

1.19 Xela ukuba nguwuphi umhlathi kwisicatshulwa A ongqinelana nomfanekiso okwisicatshulwa B. (1)

1.20 Ucinga ukuba ukuthelekisa iincwadi nobuxhakaxhaka betekhnoloji okukwizicatshulwa A nakuB kungaphumelela ukuguqulela iingqondo zabantu ekufundeni iincwadi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngokuzikhusela kwiindudumo nemibane**. Shwankathela unike izinto anokuzenza umntu ukuzikhusela kwiindudumo nemibane.

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezisiXHENXE singedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**UKUZIKHUSELA KWINDUDUMO NEMIBANE**

Amajelo emozulu aseMzantsi Afrika nawaphesheya kweelwandle ayangqinelana ngokuba ukudlalwa lizulu yinto exhaphakileyo ndawo zonke. AmaXhosa akhetha nokuthethela phantsi ngayo kuba esoyika ukungathi ayadelela. Kulungile ukuba umntu ngamnye azazi iindlela angakulumkela ngazo ukuhlangana nemozulu eneendudumo nemibane. Ukumamela imozulu oku phambi kokuba uhambe kububulumko ukuze ingakubhadi usendleleni okanye usesithubeni.

Kukho abantu abacinga ukuba izulu lidlala xa likufutshane ebantwini kuphela kanti akunjalo. Liyadlala likude kunazo neendudumo kuba umbane wona uyakwazi ukutshawuza zikude lee iindudumo. Kungumqathango ophambili ukuqinisekisa ukuba umntu akakho phandle xa liduduma. Khangela indawo yokusithela ekhuselekileyo nokuba ngumngxuma wakuva izulu lindila ungathalalisi.

Ziyabethabethana izimvo ngokhuseleko lwangaphakathi emotweni. Bakho abathi irabha yamavili iyakhusela. Abanye bathi eli zinki libalekwayo ngabanye lilona liyingozi. Kushiyana izikolo ekwakufundwa kuzo ukungqina oku. Kuvumelekile kwaye kungcono ukuhlala emotweni kunokuba kwanti.

Kuyenzeka ukuba kungabikho ndawo yimbi yakuzimela okanye ungabikhosemotweni. Xa ungenandawo zama ukuzifinyeza ubemncinci, uziquthe, ufake intloko phakathi kwamadolo, amaqatha akho asondelelane. Ngokuzifinyeza uphungula ukurhawulwa ngumbane, uthi nokuba ubekho uhle ngomqolo lo wakho ugobileyo ngethemba lokuba akuyi konzakalelwa lilungu lomzimba elibalulekileyo.

Ukuhamba kwiindawo ezinamawa aphezulu, iintaba neenduli kungakufaka engozini xa kududuma. Zikhusele ngokwehlela ngezantsi uhlale entlanjeni yona ikumhlaba ophantsi kungenjalo uzifihle ezindongeni ukuze ungachaphazeleki zindudumo ezo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Kungcono unethwe yimvula kunokuba udlalwe yinkosi. Musa ukungena phantsi komthi okanye kwentente kuba kungakufaka engozini yokuphangwa lizulu.Qinisekisa ukuba ukude nemithi emide ezimele yodwa. Zimela ngemithana emifutshane okanye ngelitye elikhulu kunokusithela ngomthi omkhulu omde kwaye nawe zenze mfutshane ungabi mde kunomthana lowo. Kanye koko kuzenza mfutshane ungaze ulale ngesisu izulu lizongoma okanye kutshawuza imibane. Yingozi enkulu leyo.

Hambela qelele kwimisinga yamanzi namadama anamanzi. Iingcali zithi akuyonyani ukuthi amanzi anamandla amakhulu okutsala umbane, inyani yeyokuba amanzi awuhambisa lula nangokukhawuleza umbane xa uthe wafika kuwo.

[Sicatshulwe ku-www.saws.gov.za saza sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**


Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: ISIBHENGEZONTENGISO

Funda esi sibhengezontengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA D**




[Sithathwe ku-www.shutterstock.com]

3.1 Nika zibe ziBINI izixhobo ekwenziwe ngazo umtsalane kule ntengiso. (2)

3.2 Khankanya (a) igama elisetyenziselwe ukubaxa (b) nobaxo olukwimifanekiso kule ntengiso. (2)

3.3 Nika isizathu sokuba umthengisi asebenzise ulwimi olucengayo olungezantsi ukuthengisa iRedBull.

'Khumbula isixhobo seentshatsheli sokuqubisana nexesha, ziwuthi qwaka, qwaka umsebenzi.' (1)

3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Umthengisi usebenzisa ukubayimfihlelo kweRedBull, xa edala umnqweno wokuba abathengi bayifune nakanjani ukuze ...

A banyanzeleke baye kwagqirha phambi kokuyisela.
B banqwenele ukusebenza ngaphandle kwentsokolo.
C basebenzise ingqondo phambi kokuba bathenge iRedBull.
D banqwenele ukunxiba iimpahla ezipitsayo,ezincinci. (1)

3.5 Cacisa ukuba isilogani, 'iredbull ikunik'iimpiko' sihambelana njani nomfanekiso okule ntengiso. (2)

3.6 Ucinga ukuba umthengisi uphumelele ukumenza umthengi azibone ukuba akanakuphila ngaphandle kwale mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**




[Icatshulwe kwi-intanethi-www.thecomicstrips.com]

4.1 Xela ukuba unxibelelana nabani uSasa kule khathuni iyonke. (1)

4.2 Nika iindlela eziMBINI abonise ngazo umzobi kwisakhelo soku-1 nesesi-2 ukuba uSasa akasakholwanga yindlela enza ngayo. (2)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi.

Uphawu lokhuzo olwalekiweyo kwisakhelo soku-1 lunika ingcinga yokuba uSasa:

A Uyazingxolisa ngokudlala ngexesha
B Uyazicenga ukuba agcine ixesha
C Uyazikhuthaza ekugcineni ixesha
D Uyazonwabisa ngokugcina ixesha (1)

4.4 Chaza umahluko kulwimi alusebenzisayo uSasa kwisakhelo 1 nesakhelo 2. (2)

4.5 Ngqina ukuba ukwenza kukaSasa kuyakhabana neenjongo zakhe kule khathuni. (2)

4.6 Ucinga ukuba umzobi angaphumelela ukudlulisa umyalezo wokuba ubuxhakaxhaka be-intanethi buchitha ixesha? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: IPROZI**

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi esineempazamo ezithile ezenziwe ngeenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**SIMFUNA PHI UNDONAKELE?**

1 MZI kaNtu! Namhlanje ndiza nencwadi ethi, '*Iindonga Ziwelene'* neyabhalwa nguSoga Mlandu. Le yincwadi yamabali amafutshane, iphaphashwe okokuqala ngomnyaka we-1998. Apha umbhali usihlanganisele amabali abalisa ngeengotsitsi zobomi esidlula kuzo singabantu.

2 **Urhintyela imiba esukela kumasiko kwanentlalo gabalala yoluntu, ukuyokuthi xhaxhe kumabali angokuxhatshazwa kwabantu ababhinqileyo**. Kwibali elithi, '*Isifundiswa esikhulu'*, ityendyana elinguLukhanyo, lisakuzibona linempumelelo yemfundo eliyizuze eMelika lathwal'inyongo nesinyi. ULukhanyo wabuya etshintshe eyinto engaziwayo nakowabo. Impakamo yakhe yamenza akabona mntu kwiindawo zonke awayehamba kuzo ezibona njengofunde yedwa. Akutshiwo na kanene ukuba Impumelelo yesizwe yasoloko ikulwazi abantu beso sizwe abanalo? Kuthiwa masithini isizwe yile ndlela ayiyo lo mfana?

3 UKhonzuxolo onguyisekazi kaLukhanyo wathi esakwenza itheko lokwamkela le dyongwana njengoko yabe ilibhongo kulo ngingqi yakhe ukubanomntwana ofunde de wazuza loo mfundo inomsila, wazisola ukugeza. Umzi waseMaJwarheni wawufile ziintloni usakuphoxwa ngunyana wawo. ULukhanyo owayekrelekrele ebukwa ethandwa ekuhlaleni kwakhe, wayethe xhaxhe ngemfundo efunde phesheya kweelwandle. Yinto leyo eyenza kugcwale kwelo theko kungomncinci nomdala beze kuzibonela eso sifundiswa.

[Sicatshulwe kwiSOLEZWE lesiXhosa, 17-23 Eyomqungu 2019 iphepha 11, saze sahlelwa]

5.1 Xela ukuba kutheni ibinzana '*Iindonga ziwelene*' lifakwe kwiimpawu zocaphulo. (1)

5.2 Chonga igama elixela ixesha kwisivakalisi esibhalwe ngezantsi.

Namhlanje ndiza nencwadi ethi ... (1)

5.3 Lungisa isiphene sopelo kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

… iphaphashwe okokuqala ngabakwaLovedale Press phaya ngomnyaka we-1998. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.4 Nika intsingiselo yebinzana 'ngeengotsitsi zobomi' njengoko lisetyenzisiwe kwisicatshulwa. (1)

5.5 Bhala ngokuchanekileyo isifanekisozwi, u'xhaxhe' ngokomxholo wesivakalisi esingezantsi.

... wayethe xhaxhe ngemfundo efunde phesheya kweelwandle. (1)

5.6 Xela intsingiselo eziswa zizimamva ezibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

UKhonzuxolo onguyise**kazi** kaLukhanyo wathi esakwenza itheko lokwamkela le dyongw**ana** ... (2)

5.7 Bhala ngokuchanekileyo igama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

Kuthiwa mazithini **isizwe** yile ndlela ayiyo lo mfana? (1)

5.8 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha langoku.

Umzi waseMaJwarheni wawufile ziintloni. (1)

5.9 Nika isithethantonye segama 'owayekrelekrele' esikumhlathi wesithathu. (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**QAPHELA**

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

**IMIYALELO KUBAMAKISHI**

**Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzela impendulo.
- AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/ nokuzakuzela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: ISICATSHULWA A**

1.1 Limangaliswe kukuba abantu basafuna ntoni ezincwadini xa kukho ubuxhakaxhaka betekhnoloji bokwabelana ngezimvo.√ (1)

1.2 Uluvo lokuba iincwadi zilungile.√ (1)

1.3 B. √/B. awunakuqhatheka lula √/awunakuqhatheka lula.√ (1)

1.4 umkhuba.√ (1)

1.5 Bubuxoki kuba uCicero uzakuzela ukuvuselelwa kokufundwa kweencwadi.√√

(Nayiphi impendulo ethathelwa kulo mhlathi ethi uCicero uthi makuqhutyekekwe nokufundwa kweencwadi iya kwamkeleka.) (2)

1.6 Ndiyangqina kuba eneneni uye ulibone ixesha limkile ulibele, kukothula uxhoma oko kuxhonywe ngabahlobo wena kungekho nto iphathekayo uyizuzileyo.√/kuba abantu balahlakelwa yindlela yokubhala amagama ngokuchanekileyo, upelo nezishunqulelo abazisebenzisayo. √

(Nayiphi impendulo engqina ukuba yinkcithaxesha okanye ayinamfundiso iya kwamkeleka.) (1)

1.7 Ngokwalo mxholo kuthetha ukuba ukufunda iincwadi kushiyiselwe bubuxhakaxhaka betekhnoloji.√√ /Ukutyiswa iinzipho kukwenza into iphelelwe yinto yokwenza.√ Ngokwalo mxholo ukufunda akusasetyenziswa kakhulu ngenxa yokuthabatheka bubuxhakaxhaka betekhnoloji bokwabelana ngezimvo.√ (2)

1.8 Luluvo lokusetyenziswa kobuxhakaxhaka betekhnoloji bokwabelana ngezimvo kunye nolokufundwa kweencwadi.√√ (2)

1.9 'sbwl'.√ (1)

1.10 ku*twitter*.√ (1)

1.11 Ndiyangqina kuba ngokufunda incwadi ufumana ubunzulu, kukhule ubuntu obutsha emntwini obengasajongelwanga ntweni. √/ Ndiyangqina kuba uPhilani owayehlala esitalatweni esitya iziyobisi wakoyisa ngokufunda iincwadi wabhala eyakhe.√ /Ndiyangqina kuba akho amabanjwa abeziiprezidanti zamazwe ngokufunda iincwadi.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.12 Abantu bayaxakwa kukukhetha phakathi kokubukela umabonakude nokufunda incwadi.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.13 Abantwana bonakalelwa yingqondo isakhula itsho kubenzima ukufunda√/kubenzima ukuthetha nokuhlalisana nabanye abantu.√

(Nayiphi na kwezi.) (1)

1.14 Ubonakele ngokuthi agqamise icala elibi likamabonakude aze xa ethetha ngeencwadi avelise kakhulu icala elihle lokufunda iincwadi.√√/Uncoma iincwadi agxeke kanobom umabonakude.√√ (2)

1.15 Luluvo kuba abukho ubungqina.√√ (2)

1.16 Esokuba unengcinga esengela phantsi ubunxele ngokokudalwa komzimba.√√ (2)

1.17 Omnye ulichitha ixesha lakhe ngokufunda incwadi √ omnye ulichitha ngokubukela umabonakude.√ (2)

1.18 Ngowokuba masifunde endaweni yokubukela umabonakude.√√

(Kumyalezo impendulo mayixele ukuba umbhali uthi makuthiweni.) (2)

1.19 Ngumhlathi wesi-5. √ (1)

1.20 Kungaphumelela kuba ngokuwachaza omabini amacala, elobuxhakaxhaka betekhnoloji nelokufunda iincwadi umfundi angakukhetha ukufunda iincwadi enolwazi olupheleleyo.√√

**OKANYE**

Kungangaphumeleli kuba umfundi obekholose ngeencwadi angathi akubona inzuzo abengayazi ngobuxhakaxhaka betekhnoloji atsaleke, aye kubulinga ukubusebenzisa abe ngolo hlobo uyabhabhiseka.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo njengesikhokelo.
Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.
Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:
Naziphi na iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe.
(Izivakalisi mazinamathelane).

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Ukumamela imozulu oku phambi kokuba uhambe kububulumko ukuze ingakubhadi usendleleni okanye usesithubeni.' | 1. | Mamela imozulu phambi kokuba uthabathe uhambo. |
| 2. | 'Kungumqathango ophambili ukuqinisekisa ukuba umntu akakho phandle xa liduduma. /Khangela indawo yokusithela ekhuselekileyo nokuba ngumngxuma wakuva izulu lindila ungathalalisi..' | 2. | Sukuba phandle xa liduduma./ Musa ukulibazisa, zikhangelele indawo ekhuselekileyo yokusithela lisaqala ukundila izulu. |
| 3. | 'Kuvumelekile kwaye kungcono ukuhlala emotweni kunokuba kwanti.' | 3. | Kunokubhadwa zindudumo usesithubeni kubhetele uhlale emotweni. |
| 4. | ' Xa ungenandawo zama ukuzifinyeza ubemncinci, uziquthe, ufake intloko phakathi kwamadolo, amaqatha akho asondelelane.' | 4. | Zisonge uzenze mfutshane, ufihle intloko phakathi kwamadolo, amaqatha ayamane ukuba iindudumo zikufumene usendleleni. |
| 5. | 'Zikhusele ngokwehlela ngezantsi uhlale entlanjeni yona ikumhlaba ophantsi kungenjalo uzifihle ezindongeni ukuze ungachaphazeleki.' | 5. | Qiniseka ukuba uncathama entlanjeni okanye ezindongeni ukuze ukhuseleke lingakufumani izulu. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6. | 'Musa ukungena phantsi komthi okanye kwentente kuba kungakufaka engozini yokuphangwa lizulu./ Zimela ngemithana emifutshane okanye ngelitye elikhulu kunokusithela ngomthi omkhulu omde kwaye nawe zenze mfutshane ungabi mde kunomthana lowo.' | 6. | Ungangeni phantsi komthi okanye ententeni uya kubethwa lizulu./ Sithela ngemithana emifutshane okanye ilitye elikhulu kwaye uqiniseke awukho mde kunalo mthana usithele ngawo. |
| 7. | '... ungaze ulale ngesisu izulu lizongoma okanye kutshawuza imibane. | 7. | Ngalo lonke ixesha kududuma okanye kubaneka qinisekisa ukuba awulalanga ngesisu. |
| 8. | 'Hambela qelele kwimisinga yamanzi namadama anamanzi.' | 8. | Musa ukusondela kwiindawo ezinamanzi.<br><br>**[66 amagama]** |

**UKUBHALWA NGOKOMHLATHI**
**QAPHELA:** Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

**UMHLATHI**

Mamela imozulu phambi kokuba uthabathe uhambo. Musa ukulibazisa, zikhangelele indawo ekhuselekileyo yokusithela lisaqala ukundila izulu. Kunokubhadwa zindudumo usesithubeni kubhetele uhlale emotweni. Zisonge uzenze mfutshane, ufihle intloko phakathi kwamadolo, amaqatha ayamane ukuba iindudumo zikufumene usendleleni. Qiniseka ukuba uncathama entlanjeni okanye ezindongeni ukuze ukhuseleke lingakufumani izulu. Sithela ngemithana emifutshane okanye ilitye elikhulu kwaye uqiniseke awukho mde kunalo mthana usithele ngawo. Ngalo lonke ixesha kududuma okanye kubaneka qinisekisa ukuba awulalanga ngesisu. Musa ukusondela kwiindawo ezinamanzi.

**[70 amagama]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo lwamanqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 4-5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
  - 2-3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abe ma-2 olwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umviwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kuma ekupheleni kwesivakalisi eliphele kuso inani eliqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**Ukumakisha iCandelo C**

**Umakisho lweCANDELO C:**

- Upelo
  - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO**

3.1 Imifanekiso√ nefonti enkulu/√nefonti ebhalwe ngqindilili.√

[Nasiphi isibini.]
(Qaphela impendulo mayibhekiselele kwizixhobo kuphela.) (2)

3.2 (a) yintaba√/ulla-katyu-lle√ (b) ubukhulu betoti de yodlule abasebenzisi bayo ngobude.√

(Ku (b) Naluphi ubaxo olukumfanekiso oluchanekileyo luyathathwa.) (2)

3.3 Sesokuba uyayazi into yokuba umthengi akanyanzelekanga ukuba athenge okanye asebenzise iRedbull√/sesokuba umthengisi ufuna ukwenza imali ngemveliso yakhe iRedbull.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.4 B.√/ B. banqwenele ukusebenza ngaphandle kwentsokolo.√/ banqwenele ukusebenza ngaphandle kwentsokolo.√ (1)

3.5 Sihambelana ngokuba isilogani sithi, 'iRedbull ikunik'iimpiko' yaze imizobo yangqina ngokwenza abantu babengathi bayabhabha.√√

(Mayamkelwe impendulo echaphazela ukubhabha okanye ukubaneempiko ebonakala kumfanekiso.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.6 Uphumelele kuba uyibiza imfihlelo yokugqiba kwangoko, ibe iyiyona nto ifunwa ngumntu wonke √√/ Uphumelele ngokuba isoyikiso esingumsebenzi omninzi onexesha elingawanelanga usihambise nesisombululo esiyiRed Bull.√√

**OKANYE**

Akaphumelelanga kuba ingabatyhafisa abanye abathengi imfuneko yokuqala kwagqirha phambi kokuba uyisebenzise.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

4.1 Unxibelelana yedwa ngeengcinga.√/Unxibelelana yedwa.√ (1)

4.2 Lulwimi lomzimba √neengcinga zakhe.√

(Qaphela: Umbuzo ubhekiselele kumzobi. Impendulo xa iwachazile amalungu omzimba ekubhekiselelwe kuwo mayithathwe.) (2)

4.3 A√/A. Uyazingxolisa ngokudlala ngexesha.√/ Uyazingxolisa ngokudlala ngexesha.√ (1)

4.4 Kwisakhelo -1 usebenzisa ulwimi olunqandayo/uyazingxolisa kanti kwisakhelo-2 uyacenga.√√

(Impendulo mayibhekiselele kwithoni - kwindlela athetha ngayo, kwakhona inike umahluko phakathi kwesakhelo – 1 nesakhelo - 2.) (2)

4.5 Iinjongo zakhe kukufuna ukwahlukana naloo mkhwa kodwa izenzo zakhe azibonakalisi loo nto.√√/Kuyakhabana kuba kwisakhelo-4 usenexhala lokuba unezinto angazenzanga kanti ubezingxolisile kwesokuqala, wazicenga kwesesibini kodwa wabuyela ngamandla kwesesithathu.√√ (2)

4.6 Angaphumelela kuba ubonisa ukuba uSasa ukhangeleka imkhathaza endaweni yokumonwabisa ngokupheleleyo le yokudlala nge-intanethi.√√

**OKANYE**

Angangaphumeleli kuba ukubonisa abantu ababhinqileyo kuphela kungenza babe beqhuba abesinye isini besebenzisa ubuxhakaxhaka be-intanethi lingayeki ukuchitheka ixesha.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: IPROZI**

| | | |
|---|---|---|
| 5.1 | Ligama lencwadi.√ | (1) |
| 5.2 | Namhlanje.√ | (1) |
| 5.3 | ipapashwe.√ | (1) |
| 5.4 | Ngeengxaki√/ngeenzingo√/ngamahlandinyuka.√<br>(Nayiphi impendulo echanekileyo.) | (1) |
| 5.5 | xaxe.√ | (1) |
| 5.6 | U-**kazi** unika intsingiselo yokuzalana√, u-**ana** eyobuncinci ngokuzalwa.√ | (2) |
| 5.7 | Izizwe.√ | (1) |
| 5.8 | Umzi waseMaJwarheni ufile/uyafa/ufa √ ziintloni. | (1) |
| 5.9 | Owayehlakaniphile√/owayebukhali.√<br>(Nayiphi impendulo echanekileyo.) | (1)<br>**[10]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**